URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Sarelda Koopman**
ICandelo leKharityhulam ye-FET
Sarelda.Koopman@westerncape.gov.za | 021 467 9325

Inombolo yefayili.: 22/2/6/1
Isalathiso: 20240201-1420

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-FET: DCF 0003/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zeZikolo zeZakhono nezezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

**Isihloko: Ukwandiswa kwethuba lokulingwa kwezifundo zokuqeqeshelwa amakhondo emisebenzi yezandla (*vocationally oriented subjects*) kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngo-2024 ukulungiselela ukuqaliswa ngokupheleleyo kwazo ngo-2025.**

1. Ngo-2017, iBhunga laBaphathiswa beMfundo *(Council of Education Ministers)* lakuvuma ngokusesikweni ukulingwa ngokwezigaba kwekharityhulam yokuqeqeshelwa amakhondo omsebenzi kwiZikolo zeZakhono. Isigaba sokulingwa kwekharityhulam sagqitywa ngo-2020 yaye kwaqala ngo-2021 ukuphunyezwa kwayo ngokupheleleyo.

2. Emva koku, iSetyhula S10 ka-2020, yomhla we-19 Novemba 2020, eqhotyoshelwe njengesiHlomelo A, yakhutshelwa ukuba inike isikhokelo ngokumalunga nokuphunyezwa kwekharityhulam yokuqeqeshelwa amakhondo omsebenzi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kunye nokulingwa kwekharityhulam egxila kwimisebenzi yezandla kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

3. Kule setyhula, izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhotyiselwe ukubonelela ngeenkonzo nezifundo zobugcisa zanikwa imvume yokulinga izifundo ezigxila kwimisebenzi yezandla kwiBakala 8 ukususela ngo-2021, nokuba kwandiswe ithuba lesigaba sokulingwa kwezi zifundo ukuya kutsho kwiBakala 9 ngo-2022.

4. NgoMeyi 2023, iSebe leMfundo esiSiseko (i-*DBE*) lakhupha iSetyhula S13 ka-2023, yomhla we-10 Meyi 2023, eqhotyoshelwe njengesiHlomelo B, neyayisazisa izikolo ezilinga le ikharityhulam igxila kwimisebenzi yezandla, ngokwandiswa kwethuba lokulingwa kwayo nokwandiswa kweprogram ezifundiswayo ngethuba lesigaba sokulingwa kwayo.

5. NgoSeptemba 2023, iSebe i-*DBE* lanika ingxelo kwi-*CEM* yokuba i-*Curriculum Assessment Policy Statements (CAPS)* zezi zifundo sele zilungile ukuba zifakwe kuluhlu njengomgaqo-nkqubo kwi-*National Curriculum Statement for Grades, R-12*, yaye i-*CEM* yakuvuma oko. Iinkcazo ze-*CAPS* njengangoku ziqinisekiselwa ukuchaneka komgangatho, kuqukwa nokuhlelwa kolwimi neenguqulelo ezenziweyo *(versioning*) yaye ke ngoko, azikabhengezwa njengomgaqo-nkqubo osebenzayo. Oku kuchaphazela ukuphunyezwa ngokupheleleyo kwazo ngo-2024.

6. Injongo yale setyhula kukwazisa izikolo ngokuhlehliswa kokuqaliswa ngokupheleleyo, nokuqhubeka kwethuba lokulingwa kwalo mgaqo-nkqubo ngo-2024 ukuvumela iinkqubo eziyimfuneko ukuba zigqitywe, kunye nokunika izikolo ixesha elaneleyo lokulungiselela ukuphunyezwa kwawo ngo-2025.

7. Iiprothokholi eziya kulandelwa ukufundisa ezi zifundo zitsha ziya kungqinelana neSetyhula 0036/2021, yomhla we-18 Juni 2021.

8. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala nabasebenzi abachaphazelekayo esikolweni ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-02-07